13 CLIMATE ACTION

Amanyathelo kwimozulu

Makuthathwe amanyathelo akhawulezileyo okukhawulelana nenguqu kwimozulu neziphumo zayo

14 LIFE BELOW WATER

Ubomi baphantsi kwamanzi

Mazilondolozwe iilwandle, iilwandlekazi nobutyebi baselwandle zisetyenziswe ngentelekelelo ejoliswe kuphuhliso olunozinzo

15 LIFE ON LAND

Ubomi phezu komhlaba

Mazikhuselwe, zivuselelwe, futhi zisetyenziswe ngentelekelelo iintlobo ngeentlobo zendalo esemhlabeni, alawulwe ngendlela enozinzo amahlathi, ulondolozwe umhlaba kuthintelwe ukubharha nokonakala kwawo, kunqandwe ukutshabalala kwendalo

16 PEACE, JUSTICE AND STRONG INSTITUTIONS

Uxolo, ubulungisa namaziko aqinileyo

Makukhuthazwe intlalo yoluntu enoxolo nebandakanyayo ejolise kuphuhliso olunozinzo, kubonelelwe ngofikeleleko lobulungisa kuluntu lonke kusekwe amaziko anempumelelo, aluthwalayo uxanduva lokuphendula nabandakanyayo kumanqanaba onke

17 PARTNERSHIPS FOR THE GOALS

Kubuhlakani kwezi njongo

Makuqiniswe iindlela zokusetyenziswa nokuvuselelwa kobuhlakani beHlabathi kuPhuhliso Olunozinzo (Global Partnership for Sustainable Development)

UN Information Centre Pretoria

MALUNGA NE-UNIC

IZiko leeNgcaciso leZizwe Ezimanyeneyo elisePitoli (United Nations Information Centre Pretoria), elasekwa ngo-1995, lelinye lamaziko eengcaciso akwihlabathi liphela. Sikhuthaza ulwazi nokuqondwa okuthe kratya komsebenzi we-UN eMzantsi Afrika, kweli lizwekazi nakwihlabathi ngokubanzi ngamaphulo okuya eluntwini nawokuxhobisa ngezakhono. Sisebenza namajelo eendaba, noluntu ngokubanzi, amaziko emfundo noorhulumente. Namhlanje i-UNIC iyenye yeearhente ze-UN ezili- 18 ezikhoyo eMzantsi Afrika, nezibuninzi bazo zisePitoli, ikomkhulu loburhulumente.

Iadresi yendawo

Qhagamshelana nathi

Physical Address
6th Floor, Metro Park Building, 351 Francis Baard Street,
Pretoria. South Africa, 0126

Contact us
T: +27 12 354 8510/07/06
F: +27 12 354 8501
E: info.pretoria@unic.org
W : unicpretoria.org.za

Facebook : www.facbook.com/unicpretoria
Twitter : @unicpretoria

SUSTAINABLE DEVELOPMENT GOALS

IINJONGO EZILI-17 ZOKUGUQULA IHLABATHI LETHU

www.un.org/sustainabledevelopment
#GlobalGoals

IINJONGO ZOPHUHLISO OLUNOZINZO

IINJONGO EZILI-17 ZOKUGUQULA IHLABATHI LETHU

Intshayelelo yeeNjongo zoPhuhliso Olunozinzo ezili-17 (SDGs)

Ngo-2015 amazwe angamalungu oMbutho weZizwe eziManyeneyo (UN Member States), aye azibophelela kwiPhulo loPhuhliso Olunozinzo lika-2030 neeNjongo zoPhuhliso Olunozinzo ezili-17 (SDGs). Ezi Njongo zoPhuhliso Olunozinzo liqela leenjongo ezimfano inye kwakunye neenkalo ekujoliswe ekuziphumeleni ngokunjalo neziphumo amazwe afanele ukuzisebenzisa ekuqulunqeni imigaqo-nkqubo yawo kule minyaka ili-15 ilandelayo. Iphulo eli lihlaba ikhwelo kuwo onke amazwe lokuba aphucule ubomi babantu kwiimbombo zone zomhlaba angashiyi namnye ngasemva. Oorhulumente, amashishini nabahlali ngokubanzi bekunye ne-UN, banxibelelanisa iinzame zokuba zibe zifezekisiwe ezi Njongo zoPhliso Olunozinzo (SDGs) ngo-2030.



1 NO POVERTY

Phantsi ngentlupheko

Mbombone zone zomhlaba mayiliwe iphele intlupheko kwiinkalo zayo zonke

2 ZERO HUNGER

Khucu indlala

Mayiliwe iphele nya indlala, zifezekiswe zonke iimfuno zokukhuseleka kokutya, luphuculwe ulondleko, futhi kukhuthazwe nozinzo kwezolimo

3 GOOD HEALTH AND WELL-BEING

Impilo entle nentlalo entle

Makuqinisekiswe ngobomi obunempilo kukhuthazwe nentlalontle yoluntu kuwo onke amabakala obudala balo

4 QUALITY EDUCATION

Imfundo Esemgangathweni

Makuqinisekiswe ngemfundo ebandakanyayo, enolingwano futhi esemgangathweni, kananjalo kukhuthazwe amathuba emfundo yobomu bonke engagugelwayo kuluntu lonke

5 GENDER EQUALITY

Ulingano Lwezini

Makufezekiswe ulingano lwezini futhi kuxhotyiswe bonke abafazi namantombazana

6 CLEAN WATER AND SANITATION

Amanzi acocekileyo nococeko ngokubanzi

Makuqinisekiswe ngokufumaneka kwamanzi nolawulo lwawo olunozinzo nococeko ngokubanzi kuluntu lonke

7 AFFORDABLE AND CLEAN ENERGY

Amandla afikelelekayo ngamaxabiso nacocekileyo

Makuqinisekiswe ngokufikelela koluntu lonke kumandla (ieneji) afikelelekayo ngamaxabiso, athembekileyo, anozinzo nangawale mihla

8 DECENT WORK AND ECONOMIC GROWTH

Umsebenzi onesidima nokukhula koqoqosho

Makukhuthazwe ukukhula koqoqosho olubandakanyayo nolunozinzo, nenggesho epheleleyo elulutho, nomsebenzi onesidima kuluntu lonke

9 INDUSTRY, INNOVATION AND INFRASTRUCTURE

Imveliso, uyilo nezibonelelo

Makwakhiwe izibonelelo ezomeleleyo, kukhuthazwe imisebenzi yemveliso ebandakanyayo, futhi kukhuthazwe noyilo

10 REDUCED INEQUALITIES

Unciphiso lokungalingani

Makuncitshiswe ukungalingani ngaphakathi kumazwe naphakathi kwamazwe ngamazwe

11 SUSTAINABLE CITIES AND COMMUNITIES

. Izixeko neendawo ekuhlalwa kuzo ezinozinzo

Izixeko neendawo zokuhlaliswa kwabantu mazenziwe zibandakanye lonke uluntu, zibe nokhuseleko

12 RESPONSIBLE CONSUMPTION AND PRODUCTION

Intelekelelo kwimveliso nasekusetyenzisweni kwayo

Makuqinisekiswe ngozinzo kwiindlela zemveliso nakwezokuyisebenzisa